

Vuk'uzenzele



Iipapashwe liZiko lezoNxibelewano nokuSasazwa koLwazi lukaRhulumente (GCIS)

English\isiXhosa | EkaTshazimpuzi 2017 Ushicilelo 2

IRavele CPA iqhuba kakhule kakuhle

UMBUTHO WOMHLABA WABAHLALI BASERAVELE (i-Ravele CPA) ibe neziphumo ezibi nezincumisayo kulimo lomhlaba owawufumana emva kokuwubanga ngempumelelo ukuba ubuyiselwe kuwo. Namhlanje bathengisa ngeempumelelo apha ekhaya nakwamanye amazwe.



■ Abasebenzi beRavele CPA bahlamba iibanana ezsandul'ukukhiwa kwindlu yokupakisha yeCPA. Ezi bananiza kuthengiswa kwiindawo ekunokuthengiselwa kuzo kwiPhondo laseLimpopo liphela.

Albert Pule

Ngethuba abahlali baseRavele cebu kuhle neMakhado, eLimpopo, babefaka ibango lomhlaba wookhokho babo, urhulumente yamhlupha le nto kuba ecinga okokuba eli bango liza kuchaphazelza ezoqoqosho kulo mmandla.

Zange urhulumente ayazi into yokokuba eli bango liza kudibanisa izizalwane ekukudala zalahlekana, lidale imi-

sebenzi, londle abahlali lide lincedise nokuncedisa abantu abatsha baloo mmandla.

Abahlali baseRavele eLevubu, engumgama ozikhilomitha ezingama-30 ngasempuma yeMakhado, basuswa kumhlaba wookhokho babo. Zange bafane nabanye abahlali kweli lizwe abavuma okokuba ilishwa elibahleleyo libaphazamise.

Ngowama-2005 urhulumente wanikezela ngeefama ezili-16 ze-macadamia,

i-avokado, ibbanana, ibhatata nelitshi kuMbutho woMhlaba wabaHlali baseRavele (iRavele CPA). Ezi fama ezixabisa izigidi zerandi ezingama-42 zikummandla waseLimpopo onemozulu eshushu nefumileyo.

Eli shishini lisindile ekubeni kuthengiswe impahla yalo ukuze kuhlawulwe amatyala, lavuka lema ngeenyawo.

I-CPA yenze inzuzo ezizigidi zerandi ezili-9.7 kulo nyaka uphelileyo kwaye ukususela

kowama-2014 ibeke elugcinweni imali ezaliswayo ezizigidi zerandi ezili-11. Okoko inzuzo yayo inyuka. Ngowama-2014, i-CPA yenze izigidi zerandi ezi-3.5 enyuke yazizigidi zerandi ezi-5.1 ngowama-2015.

UBethuel Ravele ngunogada esangweni. Iyagxagxaza imvula kwaye akubonakali ngathi iza kuyeka. Okoko isina ebuden'i beveki kwaye intili yaseLevubu cebu kuhle eMakhado nechumileyo, ekukhwitshayo kuyo ibonakalisa ukutyeba.

Ingca iluhlaza, imithi yemango iwuthe wambu wonke loo mmandla, imithi yebhanana nayo ithe thantala umgama ozikhilomitha ezi-likela. Ngenene lo nguMyezo wase-Afrika.

I-CPA imele iiintsapho ezingama-324 ezinabantu abafumanu uncedo abangama-880 uninzi lwabo luhlala kwilali ezikufutshane. I-CPA yasekwa ngenyanga kaTshazimpuzi ngowama-2004 kodwa ibango lafakwa ngowe-1995.

Ibali lokususwa endaweni ngenkani njengoko libaliswa ngookhokho nabazali baka-Bethuel ongusihlalo we-CPA limvuselela iinkumbulo ezi-

● **Liqhubeka kwiphepha lesi-2**



New drugs to treat MDR-TB

Page 4



Creating jobs, cleaning the environment

Page 6



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews
Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0405

Free Copy

We seek to create a united Democratic and non-racial society. We have a vision of South Africa in which black and white shall live and work together as equals in conditions of peace and prosperity. Using the power you derive from the discovery of the truth about racism in South Africa, you will help us to remake our part of the world into a corner of the globe - of which all of humanity can be proud."

- Oliver Tambo speaking at Georgetown University on January 27, 1987.




Image: http://www.youthvillage.co.za

IRavele ityala imali emfundweni

Albert Pule

Inzudo eyenziwa yi-Ravele CPA, ngokuthengisa imveliso kwahluelwana ngayo ngabantu abayinxalenyale projekthi. I-CPA ikwaseke ingxowa yemali enikelwe imfundo enceda abafundi abangama-40 kwiyyunivesithi ezahlkeneyo elizweni liphela.

Bafunda izifundo zamakhondo ahlukeneyo kwiYunivesithi ya-seKapa, iYunivesithi yeNtshona Koloni, iYunivesithi iNelson Mandela Metropolitan, iYunivesithi yaseRhawutini, iYunivesithi ya-seFreyistata neYunivesithi iSe-fako Makgatho Health Sciences. Xa iyonke imali enikwa ezi yunivesithi ziirandi ezingama-410 000 ngonyaka.

UDakalo Nemauluma ngo-mnye wabafumene le nkxaso-mali yokufunda. Ufundela isidanga se-Master of Science kwi-Chem-

ical Engineering eYunivesiti ya-seKapa.

Njengomntu ovela ekhayeni elihluphekileyo, uNemauluma uthi uyayibulela le nkxaso ye-CPA. "Bobabini abazali bam abasebenzi kwaye bafumana imisetyenzana manqapha-nqapha ukuze bahlwule iindleko zokuba baphile.

"Abanako ukuzihlawula iindleko zokufunda kwam eyunivesithi, kwaye ndinethembu lokugqiba ezi zifundo zam zesidanga se-Master's unyaka ozayo ungekapheli ukuze ndibancede baphume kule ntlupheko eyayibathwaxa kwasebuntwaneni babo."

Usebenzisa imali ye-CPA ukuhlawa iindleko zokukhwela, ukufunda, indawo yokuhlala, ukutya neencwadi. "Le nkxaso ngemali indincede kakhulu ngeendlela ezininzi ukususela ngoko ndandingenamali yanleyo yendawo yokuhlala, uku-

khwela nokufunda. Igalelo lale mali libaluleke kakhulu."

I-CPA ikwancedisa ngemali abafundi abagqwesileyo beBanga le-12 balapha ekuhlalenapho oyena mfundi ugqwesileyo afumana imali engama-3 000 eerandi. Abaphume kwindawo yesibini bafumana imali engama-2 500 eerandi, abaphume kweyesithathu ama-2 000 eerandi, kthesine i-R1 500 leerandi baze abaphume kweyesihlanu bafumane imali eli 1 000 leerandi.

"Injongo kukubakhu-thaza ukuba bazi okoku-ba kukho umvuzo xa usebenza nzima, ufunda.

Sikwakhetha kwaba bafundi esiza kubandeda ngemali yokuya kufunda eyunivesithi kunyaka ozayo." □



UDakalo Nemauluma ngo-mnye wabafumene le nkxaso-mali yokufunda kwame ufun-dela isidanga se-Master of Science eYunivesiti ya-seKapa.

Ukuba nompha-thi olungileyo kubalulekile

Albert Pule

IRavele CPA eLevubu, eLimpopo, ngowama-2005 yanika ngurhulumente iifama ezi-li-16 ze-macadamia, i-avokado, ibhanana, ibhatata nelitshi ezixabisa izigidi zeerandi ezingama-42

Ishishini ekuthiwa yi-South African Farm Managers (i-SAFM) lilo elathi lalawula ezo fama. Indima yeli shishini kukufundisa abahlali ukwusebenzia ngempumelelo lo mhlaba ubuyiselweyo.

Ngowama-2007, uDanie Basson wakhethwa njengeGosa eliyiNtloko leMveliso le-SAFM.

UBethuel uthi i-CPAne-SAFM aziboni ngaso linye ezintweni ezininzi malunga nokuqhuba ifama.

"Omnye wemiba ephambili ngulo wokuba babengayixhasi le nkqubo yemveliso eyilwe ligosa eliyintloko lemveliso."

Oku kungavumelani kwa-khokhelela ekuqhawukeni kwesivumelwano phakathi kwe-CPA neshishini eliphethayo.

Sakuba sichithiwe isivume-lwano, i-CPA yaquesha uBasson ngokwayo ukuba aphathe la mashishini mane. La mashishini yi-Applefontein & Bull, iMachikiri & Britz (ibhanana), i-EMS (ii-macadamia, iilitshi nee-avokado) neRedbank (ii-macadamia).

I-CPA yatyikitya isivume-lwano sengqesho seenyanga ezintandathu noBasson, kwave ngezo nyaka zintandathu we-nza imimangaliso kule fama. "Weza neenkqubo ezibhadli-leyo ezavusa la mashishini. Ngenxa yomsebenzi wakhe omhle ke sagqiba kwelokuba sityikitye naye isivumelwano sengqesho seminyaka emi-hlanu."

I-CPA ithengisa imveliso yayo kwiivenkile nabathengi basePitoli naseGoli (ilitshi). Ithumela ii-macadamia eChina, e-United States, eMbini Mpuma, eYuro-phu naseChanada. Ii-avokado zithunyelwa eFrance. □



Liqhube ka lisuka kwiphepha loku-1

buhlungu.
"Basixeleta okokuba urhulu-

mente welo xesha wathi kubo lo mhlaba awubafanelanga abantu abamnyama kuba uchumile kwaye simele ukudedela

abantu abamhlophe bazokuhlala kulo mhlaba wethu.

"Bafika balayisha oobawomkhulu noomakhulu bethu ezi-lolini babanika umhlaba omncinci kude kakhulu nalapha, abanye basiwa eNenzhelele."

Oko ithe yazithatha ezi fama i-CPA isebeenziana nequmrhu eliphethayo, lo mmandla liwahlule wangamacandelo amane, icandelo ngalinye liphethwe ngumntu omnye owongamele iqela elithile labasebenzi

basefama. La macandelo mane aqeshe abasebenzi abasisigxina aba-li-175 bonke ingabalapha ekuhlaleni kwanabangama-51 abasebenza ngamaxhesa athile onyaka.

"Uninzi lwabasebenzi bethu ngabalapha ekuhlaleni kuba si-funa babe yinxalenye yalo msebenzi kuba ngumhlaba wabo lo kwaye asinakukwazi ukuwenza lo msebenzi ngaphandle kwenkxaso yabo," utsho UBethuel. □

South Africa is open for business

TO HELP CUT red tape and make it easier to launch a business in South Africa a one-stop-shop concept is being rolled out.

Noluthando Motswai

Launching InvestSA President Jacob Zuma said South Africa was open to foreign direct investment which is

investors critical to economic growth and job creation.

InvestSA is a one-stop-shop for investors at the Department of Trade and Industry (dti) head office.

"Government is determined

to improve the business environment by lowering the cost ... and improving the ease of doing business."

President Zuma said provincial One Stops would also be launched this year.

"These will be known as InvestSA KZN, InvestSA Gauteng and InvestSA Western Cape and so forth as we roll our new Invest SA brand. Other provinces will open their One Stop Shops over a

period of three years."

Investors get one point of contact

For investors the InvestSA One Stop Shops will be the main point of contact with government. They will help investors to work with the relevant government departments involved in issuing permits and in regulatory, registration, and licensing

Cont. page 4



government
communications

Department:
Government Communication and Information System
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: (+27) 12 473 0089 E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za
Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Head of Editorial and Production
Tasneem Carrim | tasneem@gcis.gov.za

Managing Editor
Dorris Simpson | dorris@gcis.gov.za

News Editor | Ongezwa Manyathi

Sub-Editor | Irene Naidoo

Writers
Albert Pule
Noluthando Mkhize

Senior Designer | Tendai Gonese

Translators
Nomqibelo Motha
Boitumelo Phalatse
Phakamani Dadlana

Vuk'uzenzele
is published by Government Communications (GCIS)

Printed by: paarlcoldset
A Novus Holdings company

All rights reserved. Reproduction of the newspaper in whole or in part without written permission is strictly prohibited.

Distributed by: ON THE DOT

Amachiza amatsha okunyanga i-MDR-TB

INKQUBELA KWISIFUNDO SAMAYEZA, i-Pharmacology, ithetha ukuthi kukho amachiza amatsha afumanekayo okunyanga isiFo sePhepha (i-TB), esingeva chiza (i-DR-TB), esingeva machiza nokokuba selemaninzi (i-MDR-TB) nesingeva chiza ngamandla (i-XDR-TB). UMzantsi Afrika lelona lizwe lisebenzisa kakhulu ichiza elitsha ekuthiwa yi-Bedaquiline.

Noluthando Motswai

INkqubo i-Delamanid Clinical Access iza kuphanda ngamachiza amatsha anokusetyenziswa ukunyanga i-TB engeva machiza nokokuba selemaninzi (i-MDR-TB) isilwe kwaye isinyange eMzantsi Afrika.

UMphathiswa weSebe lezeMpilo uGq Aaron Motsoaledi wazise le nkqubo kutsha nje kwisiBhendele iSizwe Tropical Disease eGauteng.

Olona ncedo luhulu lwala machiza matsha lolokuba ngawona akhatywa kancinci kwaye anamandla ngaphezu kwamanye amayeza e-TB.

"Alenzi sicaphu-caphu nazinxaki kakhulu ngokukodwa ebantwaneni, abantu abosuleleke nayiNtsholwangwane kaGawulayo (i-HIV) nabanesifo seswekile, kwaye aba ngabona kudla ngokuba nzima kakhulu ukubanyanga."

I-European Medicines Agency ivume eli chiza ngowama-2014 ukuba kunyangwe ngalo i-MDR-TB yemiphunga kabantu abada-



UMphathiswa weSebe lezeMpilo uGq Aaron Motsoaledi wamkela ichiza i-Delamanid kunozakuzaku waseJapan uShigeyuki Hiroki. Eli chiza liza kuqaliswa ukusetyenziswa kabantu abangama-400 eMzantsi Afrika.

la. Sele lisasazwe kumazwe amalunga nama-45 kwaye lise-tyenziswa ngabantu abagulayo abangaphezu kwama-2 100.

UMphathiswa Motsoaledi uthi isebe lakhe lifumene imvume kwiBhunga eliLawula amaYeza (i-MCC) yokuba eli chiza lifumaneke kabantu abaliqela lokuqala abangama-400 eGauteng, Kwa-Zulu-Natal, eMntla Ntshona naseNtshona Koloni njengenxa- lenye yephulo lophando.

i-TB iyanyangeka

UGq Motsoaledi uthi i-TB sesona sifo singumbulali omkhulu kwizifo ezosulelayo.

"I-TB iyanyangeka ngokukodwa ukuba siyaweva amachiza kwaye sibonwe kwangoko.

Noxa kunjalo, sikwabona nokunyuka okuxhalabisayo kwe-TB engeva chiza."

Uthe inani labantu abane-TB engeva chiza liya linyuka kwaye isuvela abantu abangazanga baba nayo, into ethi i-DR-TB ifunya-nwa ngokusuleka okokuqala.

"I-DR-TB ayaneli kuba nzima nje ukuyinyanga, namathuba okuyinyanga ngempumelelo enciphile, iyabiza nokubiza. Amagosa kwiSebe leSizwe lezeMpilo athelekelela okokuba noxa kubiza malunga nama-400

erandi ukunyanga umntu one-TB kanti ukunyanga umntu one-MDR-TB kubiza imali ephindwe kali-1 000, kuze kubize ephindwe izihlandlo ezingama-2 000 ukunyanga i-XDR-TB."

UMzantsi Afrika ngonyaka ubhalisa abantu abamalunga nama-13 000 abane-MDR-TB nabali-1000 abagula yi-XDR-TB. Uthe zinini izizathu ezipangela ukuba i-TB ingeva machiza, ezi zizathu ziquka ukubonwa kwaso kade, ukungaseli amayeza ngendlela eyiyo, ukungalawuli ngendlela eyiyo abantu abasule-lekayo nangaphezu koko, ukungafumaneki kwamachiza amatsha.

i-Bedaquiline iyasebenza

"Indlela eliwa ngayo i-TB ixomekeke kakhulu kumachiza afunyanwa ngaphezu kweminyaka engama-50 eyadlulayo. Ichiza elitsha le-TB, i-Bedaquiline, lisandul'ukubakho kutscha nje. UMzantsi Afrika uye wakhawulezisa ukulifumana kwaye kungoku nje sinabantu abamalunga nama-60% kuba-

ntu abafumana eli chiza ehlabathini liphela."

"Sithetha nje iinkukacha zokuqala zibonisa iziphumo ezincumisayo kubantu abafumana eli chiza, izinga labo banyangekayo ngokusebenzia eli yeza ngama-70%, xa kutheleki-swa nabo bamalunga nama-50% basebenzia ichiza lesiqhelo."

UGq Motsoaledi uthi le nkqubo isisiphumo sokubambisana phakathi kweSebe lezeMpilo, i-Otsuka ne-Right to Care. I-Otsuka eyiNkampani yaseJapan, eli chiza ilikhupha simahla.

abantu abosulelwie kakhulu yi-TB ngabasebenzi-mgodini, abantu abakwimimandla ekufutshane nemigodi, amaziko oluleko (ijele), imimandla ephakathi ezilalini, iindawo zasezifama nezikolo zazo, iindawo ezimelelene nemigodi kunye nezikolo-mpeleso.

UGq Motswaledi uthi uthemba okukuba abaguli besibhedlele iSizwe nezinye izibhedlele apha kweli lizwe baza kuncedwa yile nkqubo nangamanye amalinge asetyenziswa ngurhulumente. □

Business people give Invest SA thumbs up

Noluthando Motswai and Neo Semono

The business community has welcomed the newly launched InvestSA One Stop Shop initiative.

Derrick Huang, managing director of international company Beyond Your Dreams (BYD) South Africa, says the concept of the one stop shop will make their lives as investors a lot easier.

This Chinese firm is primarily an IT and renewable energy company. It is listed on the Hong Kong and New York stock exchanges and has over 200 000 employees internationally.

"Invest SA is so nice. I know how difficult it is to have your visa or work permit extended in South Africa. This one stop shop will make things so much easier. China and South African relations are at an historical high. We are in the G20 and in Brics there are good things going on between the two countries."

Huang said BYD had big plans for

the South African market especially because BYD was into battery power storage, electric motor vehicles and the manufacturing of cell phones and tablets.

"We have done some business in South Africa. ... We are now really making entrance in South Africa. We are very fortunate to come into the market when things are made much easier for us as investors."

Investors do not need to physically visit the dti to access the One Stop Shop. They can also find information online by visiting www.investsa.gov.za.

Launching InvestSA President Jacob Zuma said The One Stop Shop will provide a more coordinated, streamlined and professional service to those who wish to set up a business," President Zuma. □



From page 4

processes.

Officials were instructed to keep the service simple and short.

Key departments such as home affairs, labour, environmental affairs, trade and industry and agencies such as the Companies and Intellectual Property Commission (CIPC), South African Revenue

Service and Eskom amongst others will be available at the One Stop Shops.

President Zuma said: "Business people have outlined the difficulties and hassles they face when wanting to establish new businesses, both local and foreign investors." The President also said the CIPC has rolled out self-service terminals in banks,

local economic development agencies and chambers of commerce offices for company registrations. By June this year self-service terminals will be rolled out to all provinces.

President Zuma said the the One Stop Shop's success will depend on the support of all stakeholders in the three spheres of government. □